



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**NOVEMBA 2017**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: liyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-5.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

**QAPHELA:** Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kweli candelo.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80

ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

**UMBUZO 1**

- 1.1 Ndingulo mntu ndinguye ngokomelezwa ngabantu. [50]
- 1.2 Iimpawu zomntu onesidima. [50]
- 1.3 Ulutsha nenkcubeko. [50]
- 1.4 Ukuzithwalisa amacangci kukho umoya. [50]
- 1.5 Ifuthe lokukhulelwa kwabafundi kwinkqubela-phambili yabo. [50]
- 1.6 Ukuba ndinganefuthe ekomelezeni iqondo lerandi eMzantsi Afrika. [50]
- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi: [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com), waza wahlelwa]

**[50]**

1.7.2



[Ucatshulwe kwi intanethi: [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com), waza wahlelwa]

**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A:**

**50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta uvelane nomhlobo wakho ongafumananga ndawo yakufunda eYunivesithi. [25]

**2.2 ILETA YOBURHULEMENTE**

Bhalela uNobhala weSebe lebhasi leempahla ezilahlekileyo, ucele ukukhangeliswa ibhegi yakho elahlekileyo kwibhasi obuyikhwele. [25]

**2.3 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari ulungiselele umngcwabo oza kubakho. [25]

**2.4 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba ngokuxhwilwa kwabantwana. [25]

**2.5 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso obuye kuyo. [25]

**2.6 INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho esesikweni. [25]

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**